UKUHLANGULWA OKUPHELELEYO

Bendingazi kakuhle ke ukuba mandithini na ngale ntsasa, bendihleli phaya emva noMzalwana Egen, ndaze ndeva . . . UMzalwana Neville ebethetha into ethile, ekhangele ngakum. Ndaze ndathi kuMzalwana Egen, "Uyandibiza?"

Waza wathi, "Uyakubiza."

2 Naku ke ngoko ndilapha phezulu ukuze ndithethe into ngale ntsasa. Bendicinga, xa bendi . . . Ela phiko lomoya phaya, xa ba . . . liyalitsala ilizwi, ingathi lilitsala liphume lonke, xa uthetha. Kukhangeleka ngathi elaa phiko lomoya lilithatha lilikhuphe ngoko ilizwi.

Bendisiva okunjalo . . . ubungqina ekungeneni kwam phaya ukuya kuthandazela laa mfazi emnxebeni. Lo ke ebefumene umyalezo, ulibele ukubeka isixeko eso saloo ndawo kumelwe kukutsalelwa kuyo, usuka kwinkosikazi kaGqir. Morrison. Ndizakunixelela ke into endisuke ndayenza, kuba okwenu konke ngumthandazo, nokwam. Ndibeke izandla phezu komnxeba, ndakhomba kweloo nani, nokuba bekuphi na, ndacela uMoya oyiNgcwele ukuba aye kuloo mfazi. Ngoko ndicinga ukuba Uyakuva oko ngendlela enye kunokuba Esi va xa besiyakuthi . . . Yabona? Yaye ndiyibeke nje phantsi. Kwaye isenokuba oko ibiyindlela ebifuna kube yiyo iNkosi. Yabona? Kusenokuba kukuba kuyakuba ngcono ngoloo hlobo.

3 Ndaze ndathi ndakuva ubungqina ngeli thuba bendingene phaya, umntu othile esithi laa Dade Rook ebe . . . Ndiyakholwa ukuba uMzalwana Neville uthe ebeno—nokuphelelwa engqondweni, into enjalo. Masibambelele kuThixo ngenxa yaloo nto, sikhumbule nje le nto inye: uThixo uyabazi AbangabaKhe. Wazi yonke into ngabo.

4 Niva kakuhle apho ngemva? Ukuba aniva, zikho izitulo ezingenamntu apha phezulu. Ningazitshintsha ukuba nifuna ukwenza njalo. Kwaye, masibone, ingaba *lo* ngumboko oyintloko? [Kukho umzalwana othi, "Hayi, mhlekazi."—Mhl.] Lo *ungapha* ngumboko oyintloko? Kulungile. Sizakubona ukuba singakwazi na ukuwusondeza kancinane nje. Xa sinokuwubeka kweli cala, Gene? Kuyakulunga nje. Yaye ngamanye amaxesha ilizwi lam liyatsha kancinane. Ndishumayele ke noko. Ingaba kungcono ngoku? Niva ngcono?

5 Kwaye ngenene siyazikhumbula ezi zinto emthandazweni. Yaye sifuna ukwenza ingxelo ngenkonzo ebiyintsikelelo yaphaya ezantsi e . . .

Ingaba nguDade Rook lo ndijonge kuye? Ndicinge ukuba ndijongene nenenekazi phaya emva elifana naye. Ndacinga,

“Ngokuqinisekileyo andithethi kwiindawo ezimbini apha.” Ndijonge kumntu othile ofana naye, ekuyeni ngasemva. Yena useSibhedlele eSaint Edward.

6 Ke ngoko, eCleveland, eTennessee, kananjalo eCalifornia, sibe neenkonzo ezisikelelayo. INkosi isisisikelele kakhulu, kunye nezinto ezininzi Ezenzileyo. Kwaye siyayithandazela loo nto. Siyavuya ukuba besinokubuyela kwabo sihamba nabo, sisenza ingxelo yokulunga nenceba kaThixo. Nantso indlela ababesenza ngayo eBhayibhileni.

7 Bendincoma umthandazo kaMzalwana Neville, okanye uMzalwana Beeler, indlela ababathandazele ngayo abantu, be—becela uncedo nenceba. Ukuba ke sikhangele phambili nje, njengesiqhelo, yonke into eqhubekayo, uyakufumanisa ukuba ikho into eyeyenene malunga naloo nto. Ukuze xa uMzalwana Neville athe wezisa la madikoni, nezinto ezinjalo, wawanyusela apha eqongeni, ukuze—ukuze kuvakaliswe iintsikelelo zikaThixo phezu—phezu komnikelo webandla, ndimve ethetha emthandazweni wakhe kuThixo, malunga naloo madoda, indlela abathandazelana ngayo. Loo nto iyandivuyisa ukuva umlungiseleli othandaza phezu kwamadikoni akhe, aze nawo athandaze kwakhona phezu komlungiseleli. Xa ubona ibandla lingena ekusebenzisaneni okunjalo, ke, kukho into ezakuqhubela phambili. Nantso indlela olumelwe kukuba yiyo ulungelelwano lwenkonzo. Loo nto yandinika nje ingcinga yetekisi. Bendizakuthetha ngentsikelelo yakwaKadeshe, nokwaliwa kokuba kuviwe ingxelo yeentlola, kodwa ngoko ndiyitshintshile ingcinga yam, yaya kwenye into ngoko.

8 Ke ngoku, ngokubhekiselele kwimpiliso, ndinobungqina nje obuncinane endingathanda ukubukhupha. Bendinethemba lokuba ndizakubona unyana wam, uBilly, phaya emva, kodwa bukuye epokothweni yakhe.

Kwaye uBilly uya esiba ngcono ezinkonzweni, kunento awayekade eyiyo. Wayephatshu-phatshu, ekhathazeka, yaye wayedla ngokubaxelela abantu, “Owu, hamba uyokuhlala phantsi. Hamb’uyokuhlala phantsi.” Athi, “Ndiza—Ndizakukunika ikhadi lomthandazo.” Kodwa ndiye ndaqaphela, kutshanje, kukho abantu apha enkonzweni aya ebasizela kakhulu. Ukuba akanamakhadi akuthandazelwa ashiyekileyo, ubafaka egumbini ke ukuze ndiye kubathandazela.

9 Kwenzeka into enjalo ke eChicago, kwixesha elidlulileyo. Ndingathanda ukuyifunda ke loo ncwadi ukuba uthe wangena. Andikhange ndibe nakumbona. Ebengazi ukuba ndiyeza ngale ntsasa, kweli cala, ndibe—ndibe ndifuna—ndifuna loo leta. Kodwa ndiye ndacinga ngayo xa bendicinga ngokugula okungaka. Nantsi ke indlela eyiyo. Yincwadi eqinisekisiweyo leyo . . .

Bendifunda ephepheni, (bendingakhange; bendixelelwe) ngokuba amaphepha ebemgxibha u-Oral Roberts, ngenxa yokuthandazela umfazi obenesifo seswekile waza wafa. Kwaye mna, ngoku, njengomMelika, ndi—ndiyathanda ukuyiphula phula imithetho no—nomntu osegunyeni. Kodwa ndicinga ukuba asiyonto ilungileyo leyo. Ingaba mhlawumbi bangathanda ukubafaka, ephepheni, bonke abo u-Oral Roberts wabathandazelayo baza baphiliswa, ababejikiwe ngoogqirha. Sisimanga, bayayitshintsha bayijikele ngemva kube kanye, yabona. Abanakuyenza loo nto. Yaye ndiyacinga ukuba mhlawumbi uMtyholi ubaphixanisile nje, ukuze, noThixo eyivumela loo nto, ukuze ngoMhla woMgwebo babe bayakunyanzeleka ukuba baphendule ngaloo nto. Kodwa ndazi amawaka abantu athe u-Oral Roberts wabathandazela, abebesifa, kwaye baphilile.

10 Ngoko, uyabona, bona, abaqhubi ngokunyaniseka malunga naloo nto, bayakulisasaza elabo icala, icala lokugxeka, kodwa abasoze balisasaze elinye icala. Ngoku, iphepha limelwe kukuba yinto yasesidlangalaleni yoluntu emelwe kukuchaza kakuhle ngeziganeko eziqhubekayo. Ngoko ndiyacinga, ukuba uluntu lukhathalelene omnye nomnye, ukuba kukho umntu ophilisiweyo, ephilisiwe ngenene, lonke iphepha kwiZizwe eziManyeneyo zimelwe kukuba nomhlathi waloo nto. Kodwa awunako nokubaqesha ukuze benze loo nto. Hayi. Ukuba uthathe into enjengaleyo wayisa phaya, bayakugigitheka bayihleke, bayijike. Kodwa ngoku ukuba kukho nantoni na enokugxekwa . . . Loo nto iya ekuboniseni ukuba esi sizwe sesilungele umgwebo. Kunjalo. Yaye umelwe kukubakho umgwebo, ayikho ke indlela yokuwuphepha. Inye kuphela ke into awayenzayo kukuzifumbela umlilo phezu kweentloko zabo, njalo njalo. Nokunjalo u—u . . . ukwahlukana, ngokwezikhokelo zokuziphatha! Iphepha, umgaqo-nkqubo walo, kukuba—kukuba lazise uluntu ngayo nantoni na entle kungenjalo embi, eyenzekayo. Kodwa bakude lee kwisikhokelo senkqubo. Yaye xa bekude kwisikhokelo-nkqubo sabo, ngoko abayi—abayi kuyiphumeza injongo yabo ngokulungileyo.

11 Kukwayiloo ndlela nangebandla. Xa ibandla likude kwindlela elimelwe kukuba liqhuba ngayo, alinakuze libancede ngokukuko abangcwele. Simelwe kukuhlala sihlangene, simelwe kukuba ngabamanyiweyo. Simelwe kukuba ntliziyo-nye sibe moya-mnye kungenjalo, asinakuze sibe nokumkhonza uThixo kungenjalo abantu, ngaphandle kokuba sibe ntliziyo-nye sibe moya-mnye, ukuze sime kuloo nto simelwe kukuba siyayenza ngokweBhayibhile nezinto athe uThixo zizezilungileyo. Simelwe kukuma ngakwezonto lonke ixesha.

12 UBilly ukhe wabambeka ngaphakathi egumbini, eChicago, yena . . . Bekukho umntu oze kuye, umfazi nomyeni wakhe,

enomhlaza emiphungeni, esifa. Yabe inkosikazi yakhe ilixhoba lesifo samathambo angomelelanga ikwisitulo esinamavili, yona ke izama ukukhathalela indoda ebekunzima mpela ukuma kuyo, inomhlaza emiphungeni yayo. Waze uBilly wathi kuyo, wathi, "Ndi—Ndilusizi, mhlekazi." Wathi, "Ndingakunika ngovuyo ikhadi lomthandazo." Waze wathi, "Kodwa a—andisenalo elishiyekileyo."

13 Yaze yathi, "Ke, kulungile, mfanyana," yathi, "Kulungile." Yathi, "Sizamile ukungena apha, kodwa yinto esingenakukwazi ukuyenza nje thina."

14 UBilly wathi, "Ndizakukuxelela into omawuyenze." Wathi, "Ndizakuya kumfumana utata. Yaye ndizakumzisa angene apha, yaye ndizakumkhupha." Waze wathi, "Xa ndithe ndenza njalo, nje ukuba uwuve uMyalezo wakhe," wathi, "uze ngoko ubize eyakho. . . okanye inkosikazi yakho kunye nawe, ningene kwigumbi elincinane phaya, apho ndizakudlula khona, ndizakumcela anithandazele."

15 "Owu," yathi, "yinto yokuthembeka leyo, nyana. Ilunge ngokwaneleyo." Yabona? Nantso ke i—nantso indlela yokuthabatha izinto. Yabona? "Ilunge ngokwaneleyo. Ilungile loo nto." Yabona?

16 Kwaze kwathi ngobo busuku, uBilly, ekubuyeleni kwakhe apho, kwabe nangoko ngokuchasene noko wayekuthethile, yabe inomnakwayo ngokuzalana apho owayesopha emiphungeni. Nenkosikazi yakhe ilapho, eyayisopha esiswini, inezilonda emathunjini, apho ke babe benaye ekunye nabo, bebungakwicala lokubanceda ukuba bangene. Kufuneka uyikhangele into, kwakusenokuba igumbi lonke elizeleyo, yabona. Kodwa ekungeneni siye kubathandazela, sifumene incwadi ebuyayo, iphuma eposini, yokuba loo ndoda iphile ngokugqibeleleyo kuloo mhlaza wemiphunga yayo. Umfazi, inkosikazi ibikwisitulo esinamavili, iphakamile, yajikeleza nje ngokuqhelekileyo njengoko yayikhe yanjalo. Laa ndoda ibisopha emiphungeni, ngenxa yesifo sephepha, iphile ngokupheleleyo. Nenkosikazi yayo iphilile kwizilonda ezisemathunjini. Bobane baphilile, ngokuthe ngqo! Ingaba mhlawumbi amaphepha-ndaba angakuthakazelela ukuyishicilela loo nto. Yabona? Yabona? Yabona? Owu! Kodwa uThixo usenguThixo. Uzenza nje ngendlela EyeyaKhe izinto, uyazi, yaye Ulunge kakhulu. Sivuya kakhulu ukwazi ukuba Yena unguThixo.

17 Sasincokola ngenye intsasa ngomshumayeli omncinci esimaziyo, owayedla ngokujikeleza, ethandazela abagulayo nayo yonke into. Yaye waya kuthandazela umntu esibhedlela eLouisville, isisigulana sesifo sephepha ke, lafa eloo nenekazi. Loo mfo mncinane wathi, "Ke, akusekho mfuneko. . . uThixo aka. . . Akukho Thixo. Ubemelwe kukuligcina iLizwi laKhe."

Wathi, “Ndimthambise kanye njengokuba—njengokuba itshilo iBhayibhile. Ukuba Akaligcini iLizwi laKhe, AkangoThixo ke.” Wathi, “Yincwadi nje.”

18 Ngoku, oko kungakhangeleka kunjalo ngaphandle kokuba uyamazi uThixo. Yenye indawo yeZibhalo leyo, kodwa ayisoSibhalo iyonke. Oko kusekelezwa phezu kokholo lomntu ngamnye. Yabona?

19 Ndayixelela inkosikazi yam, ndathi, “Zibe ninzi kakhulu izinto ezenzekileyo, endingaziyo nokuba zikho. Andazi ukuba kuyakwenzeka ntoni na kum ekugqibeleni. Ndisenokuhamba kwangaloo ndlela. Ukuba uThixo uthe wasusa isandla saKhe senceba kum, ndiyakuhamba kwangaloo ndlela nam. Kodwa okoko nje Egcine isandla saKhe senceba nokukhokela phezu kwam, ndiyakuqhubela phambili.” Ndabuza kuMeda, ndathi, “Yayingubani ngalaa ntsasa owayekwelaa gumbi emva kwalaa mbono wam ndibona intombazanana yam, uSharon?”

20 Phofu ke, ngenye imini, ndaphantse ndaquleka. Ndandihleli esitratweni. Yaye niyalazi ibali lam lombono ndikunye naye, emva koko. Ndakhangela, kwakusiza ngakum, nako kusiza intombazana eselula isihla ngesitrato apha eJeffersonville, yayifana kanye ngokuchanekileyo nalaa mbono. Kwafuneka ukuba ndizibambe izandla zam zihlangane. Kukhangeleka ngokungathi ngulaa mbono kaSharon wam omncinane! Wayengumfazi oselula ngoko.

21 Kwaze kwathi emva kwaloo mbono ngaloo ntsasa, xa uBuqaqawuli, mna . . . UHope wayendibalisela, ingalo yakhe ijikele egxalabeni kum, esithi, “Ungakhathazeki ngale nto, Bill. Singcono thina.” Ndandizama nje ukuzibulala. Waze wathi, “ungakhathazeki. Ndithembise ukuba awusayi kukhathazeka kwakhona.”

22 Ndaze ndathi, “Andinakuyithembisa loo nto, Hope, ngokuba ndi—ndi—mna ndi . . . Ndihluphekile. Andinakuyinceda loo nto.”

23 Ndaze ndaphuma embonweni, ndimi kwigumbi elimnyama. Ndingekho mbonweni, ingekokuqikelela, koko ingalo yakhe yayisandigaxile. Wabe endimbambazela. Ndacinga, “Khawume Bill umzuzu. Lento ayingo . . .” Ndandingazi ukuba mandiwubize ngokuba yintoni na ngaloo mihla, umbono. Ndandiwubiza ngokuba lithongo. Ndathi, “Lento yi . . . Isandla sakhe sisekho.” Ndathi, “Ulapha, Hope?”

24 Wathi, “Bill, ndithembise ukuba awusayi kukhathazeka kwakhona ngam noSharon.” Kuba, ndandisekupheleni kwendlela. Ndandisendilungele ukuzibulala.

Ndathi, “Ndiyakuthembisa.” Wandanga, wandimbambazela ngesandla sakhe.

Ndaze ngoko nda—ndathi, “Hope uphi?” Ndeva . . . ndaphutha-phutha phezulu, ndade ndafumana eloo tyathangana lincinane lisesibaneni ndalitsala. Ndajikeleza, ndaphengulula kuso sonke isitulo, ukubona ukuba wayehleli apho na.

Yena ke unguThixo. UsenguThixo kangangoko, namhlanje, njengokuba Wayenjalo phezu kweNtaba yoTshintsho xa uMoses no-Eliya bavelayo. Usenguye uThixo.

25 Singangena kwintlaninge yeenkathazo nezilingo uze ukhumbule nje, ukho uMntu othile Owaziyo, oyikhanyisayo indlela, ayenze ibe yinene. Andazi ukuba yintoni na engaphaya komdiya-diya. Kodwa ndazi ntonye, ndixunele kumvuzo wobizo lwaphezulu, yonke imihla, ndizama ukuphilela eso siganeko sikhulu siyakwenzeka ngamhla uthile; xa ndiyakube ndibona Yena, ubuso ngobuso, ndibalise eloo bali, “Ndisindiswe ngobabalo.” Nantso imini endiphilela yona. Ndizishiya ngasemva ezo zinto, ezo zikhoyo, ndifuna ukuxunela phambili, ndithi rhoqo ukubheka phambili.

26 Ndifuna ukuba lo mnquba, ngoku njengokuba nimi ngeenyawo, ndifuna ukuba nithi rhoqo ukuqhubela phambili kubizo lwaphezulu. Nantoni na eniyenzayo, bambanani ngokuthe nca, yibani ngabeqela elinye kangangoko ninokuba nako, kodwa nihlale niyolulile ingalo, ukuze iphume ifumane omnye umntu, ukuze nibangenise. Kodwa kolu Kholo silushumayela ngoku sibe siluzamela ngenyameko, musani ukushukuma nakancinane nisuke kuLo. Kuba, ukuba niyakholwa kum ukuba ndingumkhonzi waKhe, le yinkqubo kaThixo. Ayisayi kuze ibe yeyabona bantu baninzi. Iyakuhlala ikwaba mbalwa, yahlala injalo kwaye iyakuhlala injalo. Kodwa, nikhumbule, kubhaliwe, “Musani ukoyika, mhlambi mncinane, kukuthanda kukaYihlo okugqibeleleyo ukukuninika uBukumkani.”

27 Ngoku, likho iqela lezikhundla zebandla lethu, amadikoni, abasayineli bezimali, abaphathi besikolo seCawe, abalungiseleli, njengoko ibandla lethu lihleli ngolungelelwano. Nini ke, bantu, eninyule ezi zikhundla nalo mlungiseleli. Mna ndingumveleli nje jikelele, ukuze ndibone ukuba kuqhubeka kakuhle na, ukuze ndicebise njalo njalo. Nini enizinyulela umlungiseleli wenu, nizinyulela ngokwenu abasayinela izimali, niwanyula ngokwenu amadikoni enu, ninyula sonke isikhundla esikhoyo kweli bandla; nina, bantu. Yaye ngumsebenzi wenu ukuma ngakuloo madoda, yabona, ngokuba ayakuzenza iziphoso. Angabantu abasenyameni. Angamadoda nje, ayakuzenza iziphoso. Kodwa ukuba uMongameli weZizwe eziManyeneyo uthe wenza isiphoso, ingaba simlahlela ngaphandle, ngokoMongameli? Siyayilibala loo nto siqhubele phambili. Nantso indlela esifuna kwenziwe ngayo ebandleni ngoku. Bendimphula-phule ethandaza, kwimizuzu embalwa

edlulileyo, ethandazela loo madikoni. Ukuva nje phaya emva, ubungqina, emnyango, obuphuma kwabo basayinela izimali, indlela enimoya-mnye ngayo nonke. Ngoku hlalani ngolo hlobo. Ngoku, nina bangamalungu baxhaseni aba basayinela izimali, amadikoni, nomlungiseleli. Nikhumbule, xa nithe nakuhlanganisa konke oku, nikhumbule ukuba ngumsebenzi kaMtyholi ukuba aqiniseke ukuba uyayaphula loo nto. Ngoku kwahlala kunjalo kwaye kuyakuhlala kunjalo. Kodwa nina baxhaseni abo bakwezo zikhundla, yaye leyo ibiyintetho ebendizakuyenza.

28 Yaye ke ngoku ndinayo ethile apha . . . into ethile eninokuyixhoma kwibhodi yeendaba ngale ntsasa, malunga nenkonzo yamabhunga namagunya awo. Yaye izakuba phaya phezulu kwibhodi yeendaba. Yaye ndinayo ekhutshelweyo elungiselelwe uMzalwana Roberson, ongusihlalo weqe- . . . wabasayinela izimali. Ndibenayo ekhutshelweyo kwakhona kaMzalwana Collins, ndiyacinga, obambeleyo njengosihlalo webhunga lamadikoni. Ke ngoku, zonke ezi zikhundla zibekwe ngokweSibhalo. Zimelwe kukuba nolawulo lweSibhalo lwento ezimelwe kukuyenza. Ngoko ke, abasayinela izimali banesikhundla esisesabo. Amadikoni anesikhundla esisesawo. Umongameli wesikolo seCawe unesikhundla esisesakhe. Umlungiseleli ke uyintloko yomhlambi.

29 Ngoku, ngasinye kwezi sinento ezidibanisayo. Yaye ndicinga ukuba ukuhlangana kwenu makungabi ndaweninye, kodwa makube kweso sikhundla ngasinye, kuba amadikoni akananto anokuyithetha kwabasayinela izimali ngaphandle kokuba banomcimbi abamelwe kukuwubeka kubo. Ngokutshintshiselana, abasayinela izimali baphezu kwemicimbi yemali nezinto zesakhiwo; abananto yakwenza namadikoni. Amadikoni angamapolisa enkonzo, yaye angabancedisi kumlungiseleli. Abasayinela izimali ke kukubamba yonke into eyeyethu enjengesakhiwo. Abasayinela izimali abananto yakwenza nokukokomoya ekupheleni kwaloo nto, nolidikoni akananto yakwenza nezezimali ekugqibeleni. Ngoko ke, kunyanzelekile ukuba kube njalo. Nomongameli wesikolo seCawe wongamele isikolo sakhe seCawe. Ngoko ndinayo yonke loo nto ibhaliwe, ichwetheziwe, ukuze ibe phaya kwibhodi yeendaba.

30 Ke ngoko sizakufumana kananjalo, ikwibhodi exhonywayo, iMfundiso elimele yona ibandla, size sibe naYo ixhonyiwe apha, ngaphakathi enkonzweni; ukuba simele ntoni na, i—izikhokelo, iMfundiso yebandla. Ngoku, ukuze sibe libandla, simelwe kukuba nemfundiso.

31 Asigxumeki zibonda ke, sithi, “Sihamba nje siphele *apha*.” Sihamba siphumele ngaphandle kude kangako, sinobudlelane nomntu wonke, uThixo ayakuvuma ukuba siye kuye, eZibhalweni zakhe. Ebantwini. Ngoku hlalani

nibambene, yibani moya mnye, ntliziyo-nye, niqhubele phambili nisenzela uThixo. Nantso indlela afuna ukuba senze ngayo uThixo.

Ngoku masithandaze, size sivule iLizwi.

32 Owu Nkosi ethandekayo, ngoku sesiza kusondela ekuchukumiseni iLizwi eliNgcwele, kungenjalo ukufundwa kweli Lizwi. Wanga uMoya waKho ungasitolikela oko siswele kona. Usenze sithethe, Nkosi, sisebenze siphile, sazi ukuba singabantwana baKho sonke, ngobabalo, njengokuba Usibizile. Kwanga kungakho ubudlelane kweli bandla, sibona nje ukuba sesiza kuqalisa ukungena kwinkqubo enkulu, esiyivayo, yokukhulisa abanye abalungiseleli ukuze baphume baye kungena kumasimi walapho, ukuba Uyakundithuma ndiye kungena kwezinye iindawo zehlabathi, ukuze apho ndiye kumilisela uKholo, ukuze ndibe nomlungiseleli osele elungile ekhuthele, eqeqeshelwe ukuthabatha indawo. Lwanga ke uKholo olwanikelwa kwabangcwele kwaba kanye, esithe salimela ngokukhalipha, lingalijikeleza ihlabathi. Siphe oko, Nkosi. Yanga le mfumba yokhula, njengokuba kwakunjalo ngenye imini xa sasiyinikela kuWe, kwanga kungakho ibandla eliyakuvuka apha, Nkosi, ukuze kuphume kulo abalungiseleli abavangeli abafundisi nabaseki bamabandla, abaya kuzo zonke iindawo zehlabathi.

33 Singathanda ukucela, ngale ntsasa, intsikelelo ebekelwe bucala sicelela uMzalwana noDade wethu uStricker ababulalekayo ngoku. Kodwa siyazi ukuba sonke sifakwa kolo vavanyo. Wonke unyana ozayo kuThixo umelwe kukucikidwa, alingwe. Ukuba sincama ngokulula, sibuye umva, ngoko singabantwana abayimigqakhwe, asingobantwana bakaThixo. Yipha uMzalwana noDade Stricker amandla negunya, ukuze babambelele kumsebenzi abanikwe wona. Nokuba bangade bangqibe ukuze bafumane into abayidlayo, isandla saKho sentsikelelo masibe phezu kwabo. Kuba asazi mhlawumbi kungangaloo mzamo kanye Oyakuthi ubonise abemi base-Afrika ukuba buyintoni na uBukristu bokwenene. Siphe oko, Nkosi. Ngoku makwenzeke konke oku ngokwentando yaKho.

34 Sikelela lo mlungiseleli, uMzalwana Neville. Siyathandaza, Nkosi, ukuba uMenze umalusi womhlambi, njengoko Wenzayo kwixesha elidlulileyo. Kwaye asinakuyilibala ethandekayo, inkosikazi yakhe encinane egula kakhulu. Utshaba lungathanda ukumshiya neloo qela labantwana uMzalwana Neville, bengenanina, kodwa simi sibeka, ngokholo, iGazi likaYesu Kristu phakathi kotshaba nodade wethu. Wanga uMoya waKho Nkosi, ungaphezu kwakhe, sisazi ukuba bonke abafazi bamiselwe ukuhla baphumele kulo mfula, wethunzi lobu budala, kodwa siyathandaza ukuba Ube naye. Sikelela

aba bantwana bancinane. Uzakuba phaku-phaku ngoku, abe nokukhathazeka njalo, kodwa wanga uMoya oyiNgcwele ungakumnyango wenceba, maxesha onke, kolo sapho.

35 Sikelela isigqeba sabasayinela izimali, uMzalwana wethu uWood, noMzalwana wethu u-Egan, uMzalwana Roberson, nabo bonke abanye, Nkosi. Amadikoni, abasayineli bezimali, nako konke okunxulumene nebandla, siyathandaza, Nkosi, ukuba ubenze bakhonze elabo ithuba ngokungcwele na—nangobulungisa. Sikelela abo, Nkosi, abo bathe basebenza kwezo zikhundla kumaxesha adlulileyo. Yaye siyathandaza ukuba Uqhubele phambili ukuba nathi, ukuze saziwe njengebandla lobunye, noMoya nothando lweNkosi. Siyathandaza ngoku ukuba Usahlulele kwiLizwi, njengoko siswele, njengokuba sifunda kwiLizwi laKho elibhaliweyo. Kuba oku sikucela eGameni likaYesu. Amen.

36 Ekuthandazeni ke, bendicinga njengokuba besisikelela kungenjalo sicelela iintsikelelo awethu wangoku . . . isigqeba sabajongene nezimali esitsha sethu njalo njalo, bendicinga ngoMzalwana wethu uFleeman noMzalwana Deatsman nabanye abahleli phaya, abathi basebenza kakuhle, ngaphambili. Yaye sifuna ukuba nombulelo kuThixo ngenkonzo yabo ethembekileyo. Yanga iNkosi inganabo njalo, ukuze ibasikelele ibancede. Ndifuna ukufunda phambi . . . Nikhumbule nje ngoku, ibhodi yeendaba nezinto ezinjalo, neenkonzo ezizayo.

37 Yaye siyakuvuyela ukuba kunye nani, kusasanje . . . Ke, ndisenokuyithetha ngolu hlobo lento, indoda ebihleli iyethandekayo kum, kumaxesha adlulileyo, nethandeka ngoku, umzalwana olungileyo, uFred Sothmann, osuka . . . nenkosikazi yakhe, abavela eSasketchewan eCanada, abalapha ukuza kutyelela kuthi, kwisizwe sethu, babengabasemzini; kodwa kubudlelane bethu, engumzalwana othandekayo, uMzalwana Fred Sothmann lo uhleli phaya. Nguye owaphatha imvuselelo yam xa ndandiseCanada.

38 Yaye omnye umzalwana othandekayo naye ngaphambili owayengumCanada, owayengusomashishini, nonokubonisa ihlabathi ukuba akunako ukupha ngaphezu koThixo. Inguye netshomi yakhe benza iingxowa-mali zokwakha indawo, kungenjalo ukuseka amabandla kwamanye amazwe, ingxowa-mali. Baza bandibizela e-Oakland, bendibizela inkonzo, bathi banayo imali. Bayakuyixhasa iyonke, ngengxowa-mali yabo.

39 UMzalwana Fred ekunye nam sazama ngemali uMzalwana Fred awayenayo, endandingafuni kuyithabatha ndingumntu omnye. Ngoko ke sagqiba ekubeni siyakuyithatha sinikele ngayo kubantu baseCanada singathathi kwamnikelo, kodwa ke ayizange iqhube kakuhle kakhulu. Iinkonzo zazimnandi zona. Kodwa ngenxa yokuba singazange sithathe mnikelo . . .

Andikhathali nokuba ibandla lityebe ngamakhulu ezigidi eziphindiweyo zeedollar, nisenento enimtyala yona, uThixo, ukuthabatha umnikelo. Loo nto yinxenye yokudumisa. Yaye niyayibhunyula loo nto . . . Nanjengokuba bendichasene nemali nezinto ezinjalo, ndiye ndafumanisa, ukuba xa indoda iphosisile, umelwe kukuba uvume ukuba uphosisile, kuba uMzalwana Fred ekunye nam sayibona ngokuphandle ukuba ayilunganga konke.

40 Yaye, Mzalwana Borders, xa ndashiya uMzalwana uFred ndehla ndeza kuwe e-Oakland, ndathi, "Uze ungayenzi loo nto. Dlulisa nje isitya somnikelo, uthabathe umnikelo, uze, nokuba yintoni na oyenzayo, uyifake kwakhona kwingxowa-mali ukulungiselela enye inkonzo kwindawo ethile."

41 Yaye phambi kokuba zivalwe iinkonzo, uMzalwana Borders nabahlobo bakhe beza kum, bathi, "Okungangoko sikufake e—enkonzweni, sekuthatyathiwe."

42 Ke ngoko, kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, wenze amalungiselelo wenkonzo eSaint Jose, eCalifornia, apho ebenawo, ndiyaqikelela amashumi amathandathu okanye asixhenxe eenkonzo ezisengxingweni, ingaweenkolo zonke ezahlukeneyo esebenzisana wonke. Sibe nenkonzo emnandi, yaye siyabuyela kwakhona, ngoNovemba. Sinovuyo ngokuba nibe nathi, Mzalwana Borders noMzalwana Fred abo bahleli phaya emva. La madoda ke mhlawumbi aziindwendwe kuni nonke, kodwa angabazalwana abathandekayo kum phaya ngaphandle emasimini, azamela ngenyameko uKholo esimele lona. UThixo akusikelele, mzalwana. Siyakuvuyela ukuba nawe ngale ntsasa, komncinane, kulo mnquba mdala. Awukhangeli olo hlobo. Kodwa kukho into ethile apha, yokuba, siyazi ukuba uThixo uhlala apha, uyabona, ngoko sinovuyo ngaloo nto. Yaye bakho nabanye abazalwana abathandekayo, ukuba bendinethuba lokubabiza, abanathi namhlanje.

43 Ngoku ndithakazelela ndithandazela ukuba kwiintsuku ezimbalwa ezizayo, iNkosi ithandile ndifuna ukuhamba, ndiziva ndikhokelwa . . . Andikhange ndisenze isaziso. Kwinkonzo elandelayo, ukuya e-Ohio, ukuya kuba kunye noMzalwana Sullivan, kwimihlaba yokunkampisha, okwexesha elifutshane. Kumalunga nje nekhulu leemayile phaya phezulu, ndiyaqonda, Gene, into elolo hlobo. Iyakuba luhambo olulungileyo, xa ungekayicebi iholide yakho, ukuba iNkosi iqhubela phambili ngokusikhokela. Uyindoda elunge kakhulu, kwaye siyamthanda uMzalwana Sullivan, ngokukhulu. Nje i . . . Ungusodolophu weso sixeko. Wayengusodolophu nje wangaphambili, engowohlobo lwakudala lwaseKentucky. Yiloo nto kuphela endinokuyithetha ngaye. Ekuhlanganeni kwam naye naye ngenye imini e . . . Sobabini sakhuliselwa phaya ezantsi

kwiintaba zaseKentucky. Wathi kum, “Usenayo eyakho i-asafetida ejikeleze intamo yakho, Billy?” Ngoku uyazi indlela—indlela ayiyo owaseKentucky. Ngoku masityhile ku . . .

Asikokungabahloniphi abazalwana baseKentucky abalapha, Mzalwana Jeffries, nabanye. NdingumKentucky, oku kwam, uyazi. Ndizakukuxelela enye into esiyiyo. AsingomaKentucky, kungenjalo singengawo namaMelika. Singabahambi nabasemzini. Sizingela iSixeko esizayo.

44 Ngoku ukwenzela isifundo, masifunde ngokuphuma kwiNcwadi ye-Eksodus, okwemizuzu embalwa. Ndinqwenela ukufunda ukuqalela kwisahluko sama-23, nevesi yama-20 ukuya kweyama-23, kuhlangene. Ndifuna ukuthabatha itekisi ngale ntsasa, esuka apho ngolu hlobo, yalento, gxebe: *Ukuhlangulwa Okupheleleyo*. Andizi kuthatha thuba lide, ndithetha, ngoku ngeli thuba bendilindele nina ukuba nityhile iNcwadi nesahluko senu.

> *Uyabona, ndithuma iSithunywa phambi kwakho, ukuba sikugcine endleleni, sikufikise endaweni endiyilungisileyo.*
>
> *Silumnkele, . . . uliphula-phule izwi laso, musa ukusiphikisa; kuba asiyi kuluxolela ukreqo lwenu: kuba igama lam likuso.*

Ndiqinisekile ukuba ibandla liyazi ukuba sasingubani na esi Sithunywa. “IGama laM likuso.”

> *Ke ukuba uthe waliva ilizwi laso, wenza konke endikuthethayo; ndoba lutshaba kwintshaba zakho, ndibabandezele ababandezeli bakho.*
>
> *Kuba iSithunywa sam sohamba phambi kwakho, sikufikise . . . kuma-Amori, . . . namaHiti, . . . amaPerizi, . . . amaKananan, . . . amaHivi, nama . . . Yebhusi: ndiwabethe athi shwaka.*

45 Yanga iNkosi ingasikelela iLizwi laYo njengoko sithetha ngoku okwemizuzu embalwa, ukuba niyakuthandaza. Bendicinga ngale ngongoma, yo: *Ukuhlangulwa Okupheleleyo*.

IBandla lihleli lingaba—lingabambalwa. Kuyakuhlala kunjalo, ngokwamanani, ade afike uYesu. Kodwa Liphila phantsi kwamathamsanqa eLiwaphiwe nguThixo. Ukuba besisazi nje, eli liBandla likaThixo ophilileyo; hayi uMnquba kaBranham, kodwa uMnquba ka-Branham uyinxenye nje yaLo. Ikho eminye iminquba enje kulo lonke ilizwe.

46 UMzalwana Snelling, ngokuhlwanje, unenkonzo yobhaptizo. Ndiyalibala uMzalwana Curtis ebendixelele ukuba ndiyivakalise loo nto, kungenjalo undixelele izolo, ukuba bebenalo. Unenkonzo yobhaptizo. Kwaye ukuba nabani na

apha akazange abhaptizwe, okwangoku, kuba, uMzalwana Snelling angakuvuyela ukuyenza loo nto, ngokuhlwanje. Ngulaa Mnquba wobuNgcwele use-Utica lowo. NoMzalwana Junior Jackson eNew Albany. Yaye maninzi amabandla kulo lonke eli lizwe. Kodwa sisonke siphila, kukhangeleka ngolo hlobo, ngakwicala eloyisiweyo, ungaphantse, utsho.

47 Ndive uMzalwana Neville eyivakalisa ngale ntsasa, phaya emva, yaza yangathi ithi qatha engqondweni yam, ukuba abantu bakhangeleka ngathi bayemnka kwintlangulo. Kukhangeleka ngokungathi yinto ethile, yokuba, abantu bayibonile, ngoko ke bayityhalela nje ecaleni, "Owu, ke, uThixo angayenza loo nto." Kodwa asiyondlela yakuyivela leyo.

48 Ngoku, uMoses, ekubizweni kwakhe nguThixo, wayekokupheleleyo, umprofeti opheleleyo.

Xa uThixo ethuma indoda ukuba yenze nantoni na, Uyixhobisa ngokupheleleyo ngayo yonke into eswele yona. Ukuba uThixo ubiza indoda ukuba ishumayele, Ubeka into ethile ngaphakathi kuyo eyakushumayela ngayo. Ukuba Uyibizela ukuba ibe ngumfundisi, Ubeka into ethile ngaphakathi kuyo eyakufundisa ngayo. Ukuba Uyibizela ukuba ibe ngumprofeti, Ubeka into ethile ngaphakathi kuyo, yokuba ibone imibono ibe ngumprofeti. UThixo uhlala njalo eyixhobisa ngokupheleleyo indoda yakwaKhe.

Yiloo nto kanye ke Awayenzayo ekuthumeni kwaKhe uMoses ukuba aye eYiphutha. Wamkhulisa ngendlela ethile. Waze Wamfundisa ngendlela ethile, waMxonxa wamenza, Wambumba ngohlobo oluthile. Emva kokuba Wayethembise u-Abraham, kumakhulu eminyaka ngaphambi koko, ukuba Uyakubakhulula abantu, kwangoko Wa—Wa—Wayenayo engqondweni eyokuba Uyakwenza uMoses kanye ngaloo ndlela wayenziwe ngayo uMoses. UMoses wayengumprofeti opheleleyo. Ke ngoko, ngenxa yokuba wayengumprofeti opheleleyo . . .

49 Kanye njengawe, ukuba unguMkristu, uThixo akakwenzi ukuba ube nguMkristu ophelela esithubeni. UThixo wenza uMkristu opheleleyo. UThixo akabenzi abashumayeli abaphela esithubeni, kodwa umshumayeli anganguye ophela esithubeni. Kodwa uThixo abantwana baKhe ubenza babe ngaMakristu, kodwa ngamanye amaxesha baba ngaMakristu aphela esithubeni. Kodwa asiyonjongo kaThixo ngabo ukuba babe lolo hlobo. Ziindlela ezizezabo ezithe zaxubana necebo likaThixo ngobomi babo, yiloo nto ke ebenza babe yiloo ndlela bayiyo. UThixo akafuni kuba babe ngaMakristu aphele esithubeni, kungenjalo abashumayeli abaphela esithubeni, besenzelelela macala onke. Kungenjalo . . . Ufuna ukuba ume ethubeni ngokupheleleyo.

50 Ngoku, uMoses, uThixo wayemenze umprofeti opheleleyo, esenzela ukuhlangulwa okupheleleyo. NoMoses wayezinikezele

ngokupheleleyo ezandleni zikaThixo. Naso isizathu sokuba abe wamenza wayinto awayeyiyo. Wayengophelele kangako kuThixo wade uThixo wamthemba.

51 Ndinomnqa, kusasanje, njengaMakristu, ukuba sinikezele konke okwentando yethu, sanikezela iziqu zethu ngokupheleleyo kuThixo na, ngokokude uThixo abe nokusithemba kwindawo Asibeke kuyo. Ndinomnqa, kusasanje, ngesiqu sam, ukuba ndingangonikezele kangako na kuThixo ade uThixo abe nokundithemba, ngaba uMzalwana Neville angamthemba, anganokusithemba isigqeba sethu sabajongene nezimali, isigqeba sethu samadikoni, okanye amalungu ethu enkonzo yethu. Sonke sinayo indawo, yaye sinawo umsebenzi.

52 Umlungiseleli unayo indawo yomsebenzi, ukuba eme ashumayele ubutyebi obungenakuphandeka bukaKristu, ngaphandle kokwenzelelela, ukuba ubizelwe ukuba abe ngumshumayeli. Akasayi kugodla nento enye ngenxa yomntu omnye, ukuba ubizelwe ukuba abe ngumshumayeli.

53 Nelungu lebandla, libizelwe ukuba libe lilungu leli qela lithile, yaye alisayi kwenzelelela. Ukuba ibandla likholelwa ukuba masingadlali maqashiso ngemali, ngoko elo lungu alifanelanga lilichukumise elo thala lamakhasi. Asikholelwa ekuseleni, limelwe kukuyijika ngokupheleleyo intloko ekuseleni. Ukuba asikholelwa ekudlaleni amaqashiso ngemali, kungenjalo ukutshaya, ilungu leli bandla alimelwe kuzenza ezo zinto. UThixo uphisa ngentlangulo epheleleyo. Xa thina . . .

Uyakuyenza ukuba side sazinikela ngokupheleleyo kuYe. Ukuba siyakuthi ngokupheleleyo simnikezele ngeziqu zethu esandleni saKhe, ngoko uThixo angahlala ngaphakathi kuthi. UKristu, ithemba loZuko, AngaZibonakalisa ngathi ekubeni simdedela. Ngoko iingcinga zethu zingcinga zaKhe. Ungacinga ngoKristu etshaya isaga? Ungacinga ngoKristu esela, kungenjalo edlala amakhasi? Ngoko ukuba umoya wakho uyinxenye yoMoya waKhe, Ufuna loo nto ibe phezu kokuvuma kwakho. Kodwa uvumela uMtyholi ukuba angene athathe indawo. Yaye lonke ixesha, entliziyweni yakho, emazantsi kanye, uyazi ukuba wenza into engalunganga xa usenza ezo zinto.

Naxa ilungu elinye lizakuthetha ngokuchasene nelinye ilungu, uyazi ukuba yinto engalunganga leyo. Niyalelwe ukuba nithandazelane, hayi ukuba nithethe kakubi omnye ngomnye, koko nibe nothando omnye komnye. Yaye ukuba kukho umntu othile osezantsi, masimnyuse, simncede. Ngoku, loo nto isenza sibe li—li—liqela elimanyeneyo lamakholwa. Ngoku, xa singayithobeli loo nto, ngoko nguThixo esingamthobeliyo yaye asimkholisi uThixo. Ke ngoko ke, ibandla lethu, abantu bethu abanakuba nampumelelo, ibandla alinakuqhubela phambili, kungokuba sahlula-hluliwe, sisonke. Njengokuba uYesu wathi, “Igwele elincinane libilisa intlama iphela.”

54 Ngoku, ukuba isigqeba sebandla, okanye njenge—njengamadikoni, singeza sithi besiza ku . . . cinga ukuba simelwe kukuba sakhe umnquba omtsha. Ukuba leyo yivoti yamadikoni, nabajongene nezimali kuthethiwe nabo babe bengenayo imali yokwenza loo nto, ngoko banayo inkqubo esingisele esakhiweni njengokuba sinayo eqhubayo ngoku. Iyathathwa ke isiwe kwibandla lilonke, njengoko siyakuba njalo, lilonke ibandla lilezimeleyo. Ngoko ukuba ibandla livotela umnquba omtsha, ngoko sisonke simelwe kukusebenzisana ekwakheni lo mnquba mtsha.

55 Ngeliphandle, isiqu sam, xa babethetha ngomnquba omtsha, kum, ndandiyichasile loo mbono. Injalo loo nto. Ndathi, "Asiswele mnquba mtsha eneneni. Kuyabonakala ukuba ndizakuhamba apha kutshanje, ngokweNkosi . . . ukuba oko Indibonise kona kwenzekile. Sisawufunela ntoni ke umnquba omtsha? Asinayo imali."

56 Ngoko ndehla ndeza ndeva indlela eliziva ngayo ibandla, ukuba ibandla, ngobuninzi, kwabonakala ukuba liyawufuna. Ndenza ntoni ke ngoko? Ndazinikela iingcinga ezizezam ndahamba kunye nebandla. Ngokuqinisekileyo, masiwenze. Ukuba yiloo ndlela esigqiba ngayo izinto, yiloo ndlela ekwakuyiyo ngamaxesha eBhayibhile, indlela elalivota ngayo ibandla. Uku—Ukuba lelizimeleyo elinobungangamsha, amaqela abantu, ayahlangana. Elumanyanweni akho amandla. Ngoko, ngoko ke, ndathi, "Ngokuqinisekileyo, ukuba yiloo ndlela elifuna ngayo ibandla, ukuba yiloo nto ayifunayo uThixo, nguYe onelona gunya likhulu lokuvota phakathi kweqela labantu lilonke kunokuba Enalo kum, ngokuba andinambono wakuthi mayingenziwa loo nto." Ngoko siyekela kwibandla, sihambe nebandla. Ndaye ndiyayixhasa loo nto, ukuba ndenze konke endinokukwenza, yabona, ukuncedisa ibandla.

57 Ifanelwe kukuba ibe yiloo nto injongo yoMkristu ngamnye nomntu ngamnye ebandleni, kukuba sizimanye sinamathelane. Nokuba yintoni na evotelwa libandla, nantso into esimelwe kukumela yona. Ngoko sithi, ngokomzekelo, sifuna ukutshintsha into ethile ebandleni. Ke, ngoko, ukuba abajongene nezimali bafuna loo nto, i . . . abe omnye umntu efuna, amadikoni, efuna ukutshintsha into, loo nto iziswa phambi kwebandla, ibandla ngoko lilonke. Ukuba eyethu—ukuba imbono yethu apha yahlukile kancinane kunaloo nto ithethwe libandla liphela, masinikezele ngaloo mbono, ngokuba yiloo ndlela kuphela esinokuthi sime ngayo simanyene. Kwaye ukuba eli bandla liyakuhamba ngaloo ndlela nihamba ngayo ngoku, nimanyane nihlangane, uThixo uyaku . . . ayinakumiswa, into Ayakuyenza, ukuba siyakunamathelana. Simelwe kukunamathelana. Nantso indlela esifuna ukuba yiyo, ngokupheleleyo omnye nomnye, size sibe sezandleni zikaThixo ngokuphelele kangako.

58 Ngoko simelwe kukuba nendoda esikholwa kuyo eshumayela iLizwi likaThixo. Ukuba indoda ayiyenzi loo nto, ngoko makufunyanwe omnye umntu oyenzayo loo nto. Nantso indlela emasime ngayo. Ukuba isigqeba sabajongene nezimali asiyi kuma kwinto elungileyo, ngoko ngumsebenzi wenu ukunyula omnye umntu oyakumela oko kulungileyo. Ukuze ke xa nisenza loo nto, nime kuyo. Kukuni. Yimeleni. Ke, ninonke, simele iNto enye, nguThixo lowo.

59 Ukuba ilungu lenze impazamo, musani ukulilahla. Lincedeni. Liphakamiseni. Ninonke, mamelanani. Nantso into ethethwa siSibhalo. Xa sithe senza impazamo, masiye phambi koThixo. Phambi kokuba siye phambi koThixo, simelwe kukuya phambi kwaloo mntu simenze buhlungu.

60 Bendisandula kunyanzeleka ukuba ndenze loo nto. Yaye bendisazi ukuba ndenze impazamo. Bendixokile, ndenza inkosikazi yam ukuba ixoke. Ndiyakholwa ukuba bendinixelele ngaloo nto, apha enkonzweni. Bekuzintsuku ezimbalwa, kungekudala kwixesha elidlulileyo, kumalunga neeveki ezintandathu ezidlulileyo. Amagqwetha andenza ndakhathazeka kakhulu, ngenxa yolu phando, de andazazi kakuhle apho ndikhoyo. Ndandisandul'ukufika ekhaya ndivela e-ofisini, kuza kudla idinala. Wakhala ke umnxeba wenombolo yabucala, uMeda waya kuphendula umnxeba. Wabeka isandla sakhe phezu kwayo, wathi, "Ngalaa magqwetha kwakhona."

61 Ndathi, "Andinakunyamezela olunye urhatya. Ndiva intloko yam ixhuzuleka ngathi izakuwa. Ndiphelelwa yingqondo, nditsalelwa nje ngapha, nangaphaya, nangapha." Ndathi, "Andinakumelana naloo nto." Ndaze ndaxhuma ndema, ndaze ndathi, "Baxelele ukuba andikho apha," ndabaleka ndajikela ngaphaya kwendlu.

62 Ekubuyeni kwam . . . UMeda ubuthathaka kakhulu eziva lula ezoo zinto. Wahlangana nam emnyango, ebulila. Wathi, "Bill, yinto elungileyo enokwenziwa leya?"

63 Uyazazi indlela oyiyo. Ndiyazazi indlela endiyiyo. Ndathi, "Ngokuqinisekileyo. Bendingekho apha ngelaa thuba kanye." Ndandisazi ukuba uThixo wayendigweba ngaloo nto. Ndathi, "Bendingekho apha phakathi kanye ngelaa thuba."

Wathi, "Kodwa ubulapha ngaphakathi ngelaa thuba ebetsala umnxeba."

64 Ngaloo njikalanga ndaya kuthandazela usana olugulayo. Kwathi phambi kokuba ndimke endlwini, wakhala umnxeba kwakhona, uJoseph omncinane wabaleka waya ngapho wabamba umnxeba wathi, "Tata, ufuna ukuba ndibaxelele ukuba awukho?" Uyabona indlela esonakalisa ngayo isono? Ingalusapho olunjani olo ekugqibeleni?

65 UYohane wokuQala, isahluko se-5, nomqolo wama-21, uthe, “Ukuba ayisigwebi intliziyo yethu, ngoko siqinisekile kuThixo.” Kodwa ukuba intliziyo yethu iyasigweba, singaqiniseka njani ngoThixo? Siyazi, okoko nje sinesono esingavunywanga, Akasayi kusiva. Inzima loo nto, kodwa, li—li—lilo, ibandla liziswele ezi zinto.

66 Ndaza ndaqalisa ukuthandazela olo sana. Ndathi ndakuqalisa ukubeka izandla zam phezu kwalo, iNkosi yandikhalimela yathi, “Uxokile. Awufanelekanga ukuluthandazela olo sana.”

67 Ndajika ndemka kuloo ndoda. Ndathi, “Mhlekazi, linda apha nje. Ndinento ethile endimelwe kukuyilungisa.”

68 Ndalitsalela umnxeba igqwetha ndehla ndaya e-ofisini, ndayibiza, ndathi, “Khangela, mhlekazi, ndixokile. Ndenza inkosikazi yam ixoke. Ithe bendingekho phaya, ndabaleka ndaphuma ndajikela emva kwendlu.” Ndayivuma loo nto ndayixelela ngayo.

69 Yahamba yaphakama yabeka izandla zayo egxalabeni kum. Yathi, “Mzalwana Branham, bendihleli ndikuthembile, kodwa ndikuthembe ngaphezulu kunangaphambili ngoku, indoda,” wathi, “ekulungeleyo ukuzilungisa iziphoso zayo.”

70 Ndayixelela. Ndathi, “Bendiqalisa ukuthandazela usana, yaze iNkosi yandigweba nje, entliziyweni yam, ngokuba bendisazi ukuba ndenze into engalunganga.”

71 Ngoko, ngosuku olulandelayo, inkosikazi yathi, “Uyaphi?”

Ndathi, “Emqolombeni wam.”

72 Ndenyuka ke ndaya emqolombeni wam, phezulu entla kweCharlestown, apho bendisiya khona, iminyaka. Ndangena apho, ndathandaza yonke loo mini, “Owu Thixo, mandingaze ndenze into efana naleyo kwakhona. Ndixolele, Nkosi, kuba ndithe xa ndiqalisa ukubeka izandla zam kubantu abagulayo, ukuze ndithandaze, ndagwebeka ngoko.” Kudala malunga nentsimbi yesithathu ngorhatya, ndaphuma. Kukho ilitye elikhulu elilapho ngaphandle. Ndakhwela kwelo litye ndandijonge phezulu ngasempuma, izandla zam ndiziphakamisile, ndidumisa iNkosi. Yaye kwakuzole kakhulu apho. Ndaze ndathi, “Nkosi, ukuba Uyakuthi nje . . . Ngaxesha lithile Wedlula ngakuMoses, waze wathi yayi . . . xa Wawumfake kumqhokro weliwa, kwakhangeleka ngokungathi ngumva wendoda.” Ndathi, “Awungekhe Uyenze kwakhona loo nto, Nkosi? Mandazi ukuba ndixolelwe.” Ndaze ndathi, “Ukuba Uyakundinceda uze engqondweni yam . . . ” Ndathi, “Nkosi, andomelelanga kakhulu, ngokwasengqondweni, kuba andinamfundo.” Ndathi, “Kwaye ndi—ndizama ukukhonza Wena. Uyayazi intliziyo yam, yaye bendinga . . . Bendingamelwe kukuyenza loo nto. Bendingazimisele kwenza

loo nto. Intloko yam nje ibivakala ngathi iyesuka, bendiphaku-phaku, yaye ndiyenze ngokuchukumiseka komzuzwana ekundibambeni kukaSathana." Ndathi, "Ukuba Uyakundixolela, mandiKubone, Nkosi."

73 UThixo unguMgwebi wam; kanye ngaphaya ecaleni kwam, kwindawo encinane ematyholweni kwaqalisa isaqhwithe esinjengoMoya, saze Seza kanye ecaleni komqolomba apho ndandikho sehla sinqumla ematyholweni. Owu, mzalwana, uxolo oludlula konke ukuqonda lwandigubungela, ndaze ndalila. Ndalila. Ndakhwaza. Ndazi ukuba izono zam zazixolelwe. Yabona, ndandahlukanisiwe noThixo, ndandingenakuba nayo intlangulo kolwaa sana.

74 Kwaze kwathi kwangosuku olulandelayo kwakho indoda yaseChicago, eyindoda ebalulekileyo, umKatolika osandula ukuguquka, imibhobho entliziyweni yakhe yayidumbe yavutheleka ngokwetyhubhi yangaphakathi, kukudala ke bezama ukuyisika bayikhuphe, babezakuyenza loo nto, nayo izakubavumela. Ekugqibeleni yafumana udliwano-ndlebe. Ezi ntlobo zodliwano-ndlebe sihlala apha kunye nazo side sifumanise ukuba yintoni na undonakele. Yathi nje ingena loo ndoda, uMoya oyiNgcwele wehlela emva kubo bonke ubomi bayo wabiza izinto eyazenzayo xa yayisesibingelelweni iyinkwenkwe kwibandla lamaKatolika. Yathi, "Yinyaniso leyo. Yinyaniso esulungekileyo." Yathi, "Uthetha ukuba loo nto yabanjwa ngokuchasene nam?"

Ndathi, "Seso sithunzi kuphela endisibonayo ebomini bakho."

75 Yabuyela apho phezulu yaxelela ugqirha, wathi, "Kulungile, lungisani izinto nizihlanganise ngoku, sizakuqhuba olo tyando."

76 Ugqirha wathi, "Sizakuyikhangela loo ntliziyo kwakhona." Wathi akukhangela ngaphakathi kuyo, wathi, "Alusafuneki utyando kuwe." Yabona?

77 Ukuba iintliziyo zethu azisigwebi, sifuna ukuhlangulwa okupheleleyo. Asifuni kuba ngabaphela esithubeni, bandla. Sifuna ukuba libandla lenene kungenjalo singabi lobandla konke. Sifuna ukuba ngaMakristu kungenjalo singabi ngoMakristu konke. Sifuna ukuhlangulwa okupheleleyo kwimikhwa yethu, kwizono zethu, ekucingeni kwethu okungcolileyo, ekwenzeni kwethu okungcolileyo, ekungakhathalini kwethu, kuyo nantoni na esiyenzileyo. Sifuna ukuhlangulwa ngokupheleleyo, ukuze xa abantu bengena kweli bandla, ukuza bazokuthandazelwa, kubekho iqela nje elincinane (mhlawumbi lingekho ngaphezu kwekhulu, kungenjalo amabini) elilapha, kodwa bayakuba besezandleni zikaThixo ngokupheleleyo. Ukuze xa sithandaza, uThixo eve eseZulwini. UThixo ufuna umntu Anokumbamba

esandleni saKhe, umntu Anokuthi, “Ndithembele kuye. Ndingathumela lo, umkhonzi wam ogulayo, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, kwelo qela ke labantu abamoya mnye.” Kukho into eyakwenzeka.

78 Ke, khangela oko Akwenzayo kuthi kule meko sikuyo. Ebeya kwenzani ke Yena ukuba besintliziyo-nye simoya-mnye? Inye indlela esinokuyenza ngayo loo nto, kukumanya iintliziyo zethu zihlangane ngothando lobuzalwana, sithobele izikhundla zebandla, nomlungiseleli, nomlungiseleli athobele uThixo. Ngoko uThixo usebenza ngomlungiseleli, ngesigqeba, ukuhla ukuya kungena ebandleni, lize lilonke libe yinto enye ehlangeneyo yoBukumkani bukaThixo. Ngoko uThixo uyakuva, xa siliqela elimanyeneyo. Makungabikho nto inihluphayo. Musani ukudaniswa nayintoni na.

79 Ngoku, nalo uhlobo lomntu uThixo alumisele ukuba lulithabathe ilizwe. UMoses ngokupheleleyo, wayeyindoda engenakwenzelelela. Ukuba kwakukho imbambano nokuxambulisana, wayengasayi kwenzelelela. Nantso into ayifunayo kuthi uThixo ngoku.

80 UFaro wayefuna ukuvuma, athi, “Moses, ningahamba nonke, yaye, kodwa, nishiye abantwana benu ngasemva, kungenjalo nishiye ezinye zeenkomo zenu apha.”

81 Nantso indlela afuna eze ngayo uMkristu umtyholi. “Kuyakulunga kuwe ukuba ujoyine icawe, kodwa ungaze umxolele uJones. Kuyakulunga ukuba uzise eyakho . . . ukuba nokuya . . . Awunyanzelekanga ukuba uyeke ukutshaya kwakho, ukusela kwakho, ukuxoka kwakho, ukuba kwakho, ukufumana iziphene kwakho, ukuhleba. Awunyanzelekanga ukuba uyiyeke loo nto. Joyina nje inkonzo.”

82 Kodwa uMoses wayengengomenzeleleli. Wayefuna ukuhlangulwa okupheleleyo. Wathi, “Asisayi kushiya nophuphu ngasemva. Siyakuthatha yonke into eyeyethu, xa siyakukhonza iNkosi.”

83 Nantso indlela elimelwe kukuba yiyo ibandla. “Siyakuthabatha ubulungisa. Siyakuthabatha ubungcwele. Siyakuthabatha uMoya oyiNgcwele. Siyakuthabatha iqela elimanyeneyo xa sisiya esibingelelweni. Siyakuba liqela lenene. Asiyi kushiya nto ngasemva. Siyakuthabatha yonke into. Akusayi kubakho phuphu lushiyeka apha.” Uyazi, abantu ke bangathandaza ngendlela yokude uMtyholi anikezele.

84 Nantso indlela awenza ngayo uMoses neqela lakhe. Bawelela ngaphaya bangena phantsi kweGazi. Uqaphele, ngokokude bangene phantsi kweGazi, kwakulapho ukuhlangulwa okupheleleyo. UMoses, ngokwakhe, wayemanyene noThixo, kodwa uSirayeli wayengemanyananga. Kwakusekho isono. Baze bamkrokrela uMoses, baze bathi, “Kutheni, kutheni usenza lento nje? Usizisela inkathazo.”

Kuba uFaro wasuka wayiphinda kabini imithwalo yabo yezitena, njalo njalo. YayinguMoses lowo; wayesezandleni zikaThixo ngokupheleleyo, ehlangulwe ngokupheleleyo ekwaluseni izimvu, ukuya kwalusa izimvu zikaThixo. Wayehlangulwe ngokupheleleyo, isiqu sakhe. Kodwa abantu babengahlangulwanga, ngokuba kwakusekho ukukrokra phakathi kwabo.

85 Ngobunye ubusuku xa uThixo wamisela elaa xhwane ukuba lixhelwe, umzekeliso kaKristu, laza igazi lanxuzwa kwiyisophe, ntoleyo ithetha, ukhula nje (oluqhelekileyo, ukuthobeka), labekwa phezu kwemiqadi yomnyango nasemigubasini, kwakungoko apho uSirayeli wahlangulwa ngokupheleleyo khona, kwangashiyeki nophuphu ngasemva. Yonke into eyayiyeyabo yayihlangulwe. Iintsapho zabo, abo babathandayo, nayo yonke into yayihlangulwe xa bathi bangena ngokupheleleyo phantsi kwegazi.

86 Kuyakuba njalo xa ibandla selihlangulwe ngokupheleleyo, xa yonke into ingena ngaphantsi kweGazi. Xa izono zakho zithe zangena phantsi kweGazi, xa ukutshaya kwakho, xa ukudlala kwakho amaqashiso ngemali, xa ukuqhatha kwakho, xa ukuba kwakho, xa ukuxoka kwakho, xa yonke into iziswe ngaphantsi kweGazi, ngoko kuyakubakho ukuhlangulwa okupheleleyo. Wone umntu othile, yilungise loo nto. Awunakuba phantsi kweGazi, alisayi kuhlala. Awunakuyizisa. Kukho into engayi kukuvumela ukuba wenze oko. Xa isiqu sakho ngokupheleleyo, ngokupheleleyo siziswe ngaphantsi kweGazi, kuyakubakho ukuhlangulwa okupheleleyo; ngoko uyakuba nenkululeko ongazange wayazi ngaphambili. Xa yonke into iziswe ngaphantsi kweGazi, yaziswa ekuthobekeni kuBukumkani bukaThixo, ngoko kuyakubakho ukuhlangulwa kwenene.

87 UYesu ngokupheleleyo, indoda epheleleyo. Wayelila njengomntu. Wayesidla njengomntu. Wayenako ukudindwa njengomntu. Ngokupheleleyo wayenguye, ngokupheleleyo engumntu, ngokwemo yasenyameni yaKhe. Yaye eMoyeni waKhe, Yena wayegqibelele, enguThixo ngokupheleleyo, ngoko Wenza inyama yaKhe ukuba ithobeke kuMoya owawungaphakathi kuYe. Uyabona, Walingwa ngazo zonke iindlela njengokuba silingwa. Wayengumntu, hayi iNgelosi. Wayengumntu. Wayenayo iminqweno nezihendo, kanye njengokuba kusenzeka kuthi. IBhayibhile ithe Wayenjalo. Wayengumntu, hayi iNgelosi engentla kwesilingo. AmaHebhere 1 atshilo ukuba Wayenguye. AmaHebhere 1:4 atshilo. Wenziwa wasilela kancinane kuneeNgelosi. Wayengumntu, engumntu ngokupheleleyo. Ukuze uThixo abe wathabatha indoda egqibeleleyo, ukuze azise intlangulo epheleleyo, waze WaMzalisa ngoMoya waKhe. UMoya oyiNgcwele wawungaphakathi kuYe, ngokungenamlinganiselo.

Kwaye Walingwa njengokuba sasilingwa. Kwaye ngokupheleleyo WayenguThixo. Wayiqondakalalisa loo nto ekuvuseni kwaKhe abafileyo, ekuwiseni kwaKhe indalo, ulwandle olugqumayo nemimoya enamandla. Xa Wathetha nemithi, njalo njalo, yaMlulamela. WayenguThixo, ngaphakathi. Kwaye ngeWayenguye umntu, kuba Wayengumntu, koko Yena ngokupheleleyo nangokugqibeleleyo waZihlangula (ngokomntu) ezifaka ezandleni zikaThixo, esenzela ukukhonza uThixo.

88 Ke Yena ungumzekelo wethu. Singamadoda nabafazi thina. Kananjalo singaMakristu. Ukuba Yena ungumzekelo wethu, masithi ngokupheleleyo sinikezele iziqu zethu ezandleni zikaMoya oyiNgcwele, ukuze sibe ngabalawulwa eBukumkanini bukaThixo.

89 Ngokupheleleyo wayengumntu; WayenguThixo ngokupheleleyo. Kodwa Wanikezela ngamalungu aKhe ale mvelo kuYe. . . namalungu aKhe asenyameni, nokucinga okukokwaKhe nokwenza okukokwaKhe, namaxhala angawaKhe, kwaye, "Ndenza kuphela oko kukholeke kuBawo." Nantso ke. Ehlanguleke ngokupheleleyo ebantwini. Umbingeleli weza kuYe, amadoda abalulekileyo, athi, "Rabi, u*sibani-bani,*" azama ukuMnyobela ukuba angene kumanyano lwayo lobuhlelo. Kodwa Wayehlangulwe ngokupheleleyo ngokuba Wathembela kuThixo.

90 Akazange athi uMdumisi, "UyakuMhlangula, kuba Ethembele ngokupheleleyo kuM"? Yabona? "Ndiyakumhlangula oyiNtanda yaM ezinjeni, ngokuba Ethembele kuM."

91 Ngeyure ethile xa siyakube sifika ekupheleni kohambo lobomi, ndiyayifuna neyam. Ndiyazi ukuba uyayifuna nawe kweyakho. Ndifuna Yena ukuba athi, "Ndiyakumhlangula kumazinyo okufa, ngokuba ethembele kuM. Ndiyakumhlangula engcwabeni, ngentsasa yovuko, ndimhlangule ngokupheleleyo, kokubini umphefumlo, umzimba, noMoya, ngokuba ethe wathembela kuM."

92 Yonke imisebenzi kaYesu yayigqibelele. Yonke into yayigqibelele, ngokupheleleyo, ihlangulwe. Wahlangula ngokupheleleyo oneqhenqa kwiqhenqa. Wahlangula ngokupheleleyo umfazi owayenethombo legazi, kwithombo lakhe. Wahlangula ngokupheleleyo ihlabathi kwisono, ekufeni kwaKhe ngomhla wentlawulelo. Wahlangula ngokupheleleyo sonke isono. Wahlangula iBandla. Ngoko akukho mfuneko kuthi yakuba siphile njengabasweleyo, kubantu. Akukho mfuneko kuthi yakuba siphile kwimo yokoyiswa, ngokuba Weyisa uMtyholi wathimba zonke izilawuli namagunya, wazithobela phantsi kweenyawo zaKhe, yaye azinamalungelo asemthethweni okusilawula. SingaMakristu, sizaliswe

nguMoya oyiNgcwele. Asinako u-. . . asinako ukuqokobhiswa nguMtyholi thina. UKristu wasihlangula, ukuhlangulwa okupheleleyo; wasihlangula ekungcoleni, wasihlangula kwisono, wasihlangula kwimikhwa yethu, wasihlangula ekuthetheni, wakuhlangula kwi—kwimvelaphi embi, wasihlangula kuzo zonke iintlobo zezinto zaseludakeni. Wasihlangula ngokupheleleyo wasifaka ngaphakathi kwizandla zaKhe ezingcwele; ngokugqibeleleyo, ukuhlangulwa okupheleleyo.

93 Wahlangula ukugula kwethu. Wasihlangula ekuguleni, kuba sikoko kukhutshwa kwilungelo lobunini kuloo nto. Haleluya! "Kuba Wahlatywa ngenxa yezikreqo zethu, ngemivumbo yaKhe saphiliswa." UnguMphilisi wethu. Kungoko olwa sizana, luncinane, lomfazi onesifo samathambo angomelelanga, owayezama ukonga umyeni obulawa ngumhlaza, wangena kuloo magwiba oBukho bukaThixo. Waba nokholo. Waze yena. . . Oogqirha babenze konke ababenokukwenza, yena ke walandela imiyalelo kaThixo waze wahlangulwa ngokupheleleyo.

94 Abafundi babenokuhlangulwa okupheleleyo, ngokugqibeleleyo ukuhlangulwa okupheleleyo. Kuba? Ngenxa yokuba ngokugqibeleleyo babezaliswe ngokupheleleyo nguMoya oyiNgcwele. Xa wena, ulilungu nje lebandla uthe wabamba isandla somlungiseleli, okanye othile. . . banohlobo oluthile lwamava amancinane okuxhuma ukhwaze, kungenjalo uthethe ngeelwimi, okanye into ethile eyenye; ube usenekratshi entliziyweni yakho, usenza izinto ezimbi, uthetha ubuxoki, utshaya imidiza, ukhanuka abafazi; ikho into engekenzeki. Ikho into engalunganga. "Kuba lowo uthanda ihlabathi, okanye izinto ezisehlabathini, uthando lukaThixo alukho kuye." Ulahlekisiwe. "Niyakubazi ngeziqhamo zabo."

95 Sonke sifuna ukumanywa sihlanganiswe, noMoya oyiNgcwele. Lonke ilungu limelwe kukumanywa, omnye nomnye. Uthando lukaThixo luthululelwe ezintliziyweni zethu, ngoMoya oyiNgcwele. Luyasicoca kuko konke ukungalungisi. Sihlangulwe kwizinto zehlabathi. UYesu wathi, "Bayakwazi ngalento abantu ukuba ningabafundi baM, xa ninothando, omnye komnye." Xa ilungu elinye lithanda elinye ilungu kangangokuba libe lingalifela.

96 Xa kuqala into enye embi, ihlabathi elingaphandle, abanye babafazi beze bathi, "Ngoku, khangela, sthandwa. Ngekungcono ukuba ubuwenze *oku,* okanye wenza *okuya*, unxibe *le,* kungenjalo *leya,* okanye ube wenze *oku*, umnke kwelaa qela labaqengqeleki abangcwele," kungenjalo into enjengaleyo.

97 Simanywe ngolona hlobo noThixo! Uthi, "Ke, Mzalwana Branham, sisilingo esoyikekayo." Kodwa uKristu wafela loo

njongo. UMtyholi woyisiwe. Sifuna ukuhlangulwa okupheleleyo. Sifuna ibandla elisulungekileyo elicocekileyo elingangxengwanga, elihlanjwe eGazini leMvana, lazaliswa ngoMoya oyiNgcwele, nemiqondiso nezimanga nemimangaliso. [Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.] . . . ukuhlangulwa ngokupheleleyo kwakhe wonke ubani. [Yindawo engenanto le ekhasethini].

98 Thixo othandekayo, Awuzithabathi izinto ngaphandle kokuba zibe zihlangulwe ngokupheleleyo. Awuzange ulithabathe idini elinesiphako kulo. Wawungenakuze uwamnkele umthandazo, ekukho isono emazantsi ebomini baloo mntu. Wawungenakuyenza nje loo nto, Nkosi. Awuzange uyenze kwizigaba zexesha ezadlulayo, yaye Awunakuyenza loo nto namhlanje. Kodwa idini limelwe kukuba lingabi nasiphako. Nkosi Thixo, njengokuba sizibeka esibingelelweni, ubomi obunikezelweyo, thabatha kuthi, Owu Nkosi, zonke iziphako zesono. Ndiwubeka phantsi ngokupheleleyo umphefumlo wam, nomzimba wam, namandla am, neenzame zam, kunye neli bandla ngale ntsasa, phezu kwe-althari. Sicoce ngeGazi laKho, usixolele kuso sonke isono esisenzileyo. Yaye wanga uMoya oyiNgcwele omkhulu angahlala ngobutyebi kangako ngaphakathi kuthi, noBukho baKhe buhambe nathi ukusuka kulo mnquba ngale ntsasa, ukuze sazi ngaphakathi kwethu ukuba Usixolele. Ngoko umthandazo uyakuba ngulo, "Sixolele izono zethu njengokuba nathi sibaxolela abo basonayo thina." Siphe oko, Nkosi.

99 Yiba kufutshane Wena kuthi ngoku, sisikelele usigcine side sihlangane kwakhona kwinkonzo yangokuhlwa. Sanga singangena sinezandla ezicocekileyo nentliziyo esulungekileyo, ukuze Ungazijiki, kuba sifuna okugqibeleleyo ukuhlangulwa okupheleleyo kuyo nantoni na, Nkosi, eyakusibamba ekubeni sibe kukukhanya kwehlabathi; ikhandlela elibekwe phezu kwenduli, ingesositya phezu kwalo, koko ilikhandlela elihleli phezu kwenduli, elikhupha ukukhanya okukhokelela iinyawo zabantu kwindlela elungileyo. Siphe oko, Bawo. Sikucela eGameni likaYesu, nangenxa yoZuko lwaKhe. Amen.

100 Ndizakucela uDoc . . . Ndiyacinga ukuba uphaya emva, kungenjalo omnye wamadikoni okhoyo. Ukuze ibandla libe nokuyifunda lento, Doc, yiza uyixhome phaya kwibhodi yeendaba ukuze ibandla libe nokuyibona xa bephuma. Ke ngoko uMzalwana Collins, ukuba ukho apha . . . Ukhona uMzalwana Collins? Mnike enye le.

101 Yaye, kulungile, mhlekazi, sizakubona into . . . [UMzalwana Branham uyanqumama athule efunda iphetshana—Mhl.] Ngumntu othile ofuna uthetha-thethwano. Luhlala luvunyelwe njalo. Siyavuya.

Yaye ndiba nazo iintetha-ntethwano. Uyabona, into ekufuneka uyenze kukutsalela kumnxeba wethu ophaya ngaphandle. Si—Sibe nengxaki enkulu kakhulu phaya

endlwini, ibandla liyayazi loo nto. Ngabantu abazindwendwe apha. Ibandla liyayazi loo nto. Kufuneka kubekho intwana ebekwayo . . . Ndizakuthi mayibekwe apha enkonzweni, kananjalo, kubantu abathi beze. Yabona, baninzi kakhulu, ukuba singade sibe nokuba hoya bonke, ekuzeni kwabo nje beze ngenani. Yabona? Yaye thina . . . Ukuba uyakubiza u-BUtler 2-1-5-1-9, Butler. Naliphi na kubulungu elifuna nabani na ofunayo, ndihlala ndikuvuyela ukubonana nabantu. Kodwa sinenkqubo eqhelekileyo. Bakho asebetsale umnxeba, baliqela, yabona. Yaye sisandula ukuza, ngabanye ngabanye, njengoko sisiza. Ngoko bakho . . . Kwakukade, sasiba nokubathatha nje ngokubaqubula, nakanjani na, sitsibe, sixhume, abantu baye ekhaya sibe kube ludano nayo yonke into. Ngoku yonke into bayibeke elucwangcweni. Yaye nantso into esizama ukuthetha ngayo ngoku, yabona, beka yonke into ngocwangco, ngokugqibeleleyo nje.

Yaye ndiyakuvuya ukubonana neli qela lithandekayo, ukuba nje bangatsala uBUtler 2-15-19 (1-5-1-9), noMnu.Mercier kungenjalo uMnu. Goad, omnye, uyakuwuphendula umnxeba akuxelele ngokuchanekileyo ukuba ungalifumana nini na idinga lokuza. Sinayo indawo apha ngaphandle, inezixhobo zokuphozisa umoya, yaye silungele ukwamnkela abantu sibathandazele. Sikuvuyela ngenene ukuyenza loo nto.

102 Ngoku, isizathu sokuba ndingezi enkonzweni, abantu bacinga ukuba ndizama ukubaleka ebantwini; akunjalo. Ndizama uku—ukuba selungelelweni ngokugqibeleleyo. Yabona? Nantso into endifuna ukuba yiyo, ayisayi kubonisa mbeko nje loo nto ebantwini. Mntu ngamnye, nabani na, naxesha nini na, yabona; ibala, umgaqo awunanto yakwenza naloo nto. Siyeza kanye apho sihlangane nabantu. Kwaye ukuba baswele into, sihlala apho ade uThixo ayisombulule. Ukuba bafuna ukwazi nantoni na malunga neenkonzo, kakade, siyayihoya loo nto siyiqaphelisise. Kukukhokela nje koMoya oyiNgcwele. Yaye oko . . . Loo ndlela, ndicinga ukuba ilungile, isebenza kumntu wonke into enye kanye ngokuchanekileyo. Ngoko ke, akukho kukhetha mntu, akukhethwa.

103 Ingaba bakho abantu abazokuthandazelwa, kusasanje, ababegula babe befuna ukuthandazelwa? Kulungile. Abakho.

Ngoko masicule iculo elimnandi loku . . . lokudumisa. Singacula ntoni? "Yintoni enokususa isono sam?" Uyalazi, Teddy? "Akukho nto yimbi liGazi likaYesu." Yintoni enako . . .

[Udade osebandleni uxela ngenenekazi elithile eligula kakhulu—Mhl.] Kulungile, mhlekazi. Ufuna ukulithandazela ngoku?

Ndizakuthandazela elaa nenekazi. Beka izandla kulo mfazi ulapha. Awunakuthoba intloko yakho kunye nam, ngoko, ngokuthe cwaka ngoku. [UMzalwana Branham uyawushiya umboko wasepulpitini—Mhl.]

104 Thixo othandekayo, kukho inenekazi eligula kakhulu. Udade wethu ubeke umzimba wakhe, nkqu nokuthabatha umhlaza osuka kwabanye, ukuze eme ethubeni, emela abanye. Kodwa Wena umhlangula kuloo nto, Nkosi, kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, xa ezo zinto bezisaziwa. Wamvumela nje ukuba azifumanise, ngokwakhe, ngoko, Nkosi, uyakwazi ukuba kuvela ku We. Ndibeka izandla zam kuye, ndicelele inceba omnye lowa umfazi amele yena. Yanga inceba kaThixo, aMandla kaMoya oyiNgcwele. . . Ukuba kukho bubi bukhoyo ezintliziyweni zethu, Nkosi, butyhile kuthi, kuqala, siyakuhamba ke ngoko, siye kubulungisa. Siyakwazi ke ngoko ukuba sifumene inceba kuThixo, sibe noxolo kuThixo, siyakufumana oko sikucelayo, ngokuba singagwetywa. Siphe oko, Nkosi. EGameni likaYesu siyathandaza. Amen.

Kulungile. [UMzalwana Branham ubuyela epulpitini—Mhl.]

Yintoni na enokuhlamba isono sam?
Akukho nto ingelilo iGazi likaYesu;
Yintoni na enokundenza ndiphile kwakhona?
Akukho nto koko liGazi likaYesu.

Owu, umsinga onexabiso
Ondenza ndibe mhlophe ngokwekhephu;
Akukho mthombo wumbi ndiwaziyo,
Akukho nto koko liGazi likaYesu.

105 Bangaphi abavayo ukuba zonke izono zenu ziphantsi kweGazi? Masilicule izandla zethu siziphakamisile ngoku.

Yintoni na enokuhlamba isono sam?
Akukho nto ingelilo iGazi likaYesu;
Yintoni na enokundenza ndiphile kwakhona?
Akukho nto koko liGazi likaYesu.

Ngoku njengoko sizithoba izandla zethu, masibambane izandla jikelele.

Onexabiso. . .

Intle loo nto, jikelele.

. . . mhlophe ngokwekhephu;
Akukho mthombo wumbi ndiwaziyo,
Koko liGazi likaYesu.

NiyaMthanda? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Amen.

Owu, andiMthandi ngako uYesu,
Owu, andiMthandi uYe-. . .

Ngoku hlalani nayo, ngoku. Wonke umntu abambelele kuThixo.

AndiMthandi ngako uYesu,
Ngokuba Wandithanda kuqala.
Andisayi kushiya. . .

Ukuhlangulwa Okupheleleyo XHO59-0712
(A Total Deliverance)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe kusasa umhla we-12 Julayi, ngowe-1959, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-2004 ngabe:

©2004 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org